

Inombolo yefayili: 27/R
Isalathiso: 20231205-423

INGcaciso eMfutshane yeCandelo loPhuhliso noQuquzelelo lwamaZiko: 0004/2023

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli, kuBaphathi
beeSekethe, nakwiiNqununu

**Isihloko: Ukunyulwa kwamalungu amatsha eForam yeeNqununu zePhondo ngoJanuwari
2024**

1. IForam yeeNqununu zePhondo (*PPF*) ixoxa ngemibandela efanayo ezichaphazelayo nephakathi kweSebe leMfundo leNtshona Koloni (iSebe i*WCED*) nabameli beenqununu ukuphucula umgangatho wokufunda nokufundisa ezikolweni eziphantsi kweSebe i*WCED*.
2. Ithuba leminyaka emibini labameli besithili nabephondo bangoku liya kuphela ekupheleni kowama-2023. ISebe i*WCED* liqwenela ukubulela onke amalungu enze inkonzo ngeli thuba limiyo ngobunkokeli bawo obuphum' izandla nangegalelo abalenzileyo ngokupheleleyo lokuphuhlisa amaqela entsebenziswano ukulungiselela iinguqu kwezemfundo nokuphucula ukwenziwa kwenkonzo yenkqubo yemfundo esemgangathweni. Iiforam zibe ngoovimba bentsebenziswano eyakhayo kwinqanaba lesekethe, elesithili nakwinqanaba lephondo.
3. Kukhunjuzwa izithili nezikolo ukuba iisekethe nezithili mazikhethe oosihlalo noosekela-sihlalo abatsha kwiintlanganiso zeforam yeenqununu yesekethe (*CPF*) nezeforam yeenqununu yesithili (*DPF*) ekuqaleni kowama-2024 ukulungiselela ithuba leminyaka emibini elitsha eliya kuphela ekupheleni kowama-2025. Xa kusamkelwa amagama abatyunjiweyo abaza kwenza inkonzo kwiForam i-*DPF* nakwiForam i-*PPF*, amalungu mawakwenze oko ekuqonda ukuba azibophelela ekuhambeni zonke iintlanganiso ngalo lonke ithuba kwiminyaka emibini.
- 3.1 Ilungu elinye kumalungu amabini anyulwe kwiForam i-*CPF* nakwiForam i-*DPF* kufuneka libe lelisuka kwisikolo esiyiprayimari elinye libe lelisuka kwisikolo esiphakamileyo.

- 3.2 lisekethe nezithili mazenze iinzame ngokubambisana ukuqinisekisa ukuba kunikwa amathuba iinqununu ezingazange zisebenze ngaphambili kwinkonzo yeForam i-*DPF* neyeForam i-*PPF* ukwenzela ukuba kuphuhlisewe izakhono zazo zonke iinqununu ukulungiselela ukuphuculwa ngendlela efanelekileyo umgangatho wezakhono zokufunda kwethuba elide nokufezekisa iimfuno yophuhliso lwezakhono kwiphondo ngokubanzi.
- 3.3 Iyantlukwano ngaphakathi kwiForam i-*DPF* nakwiForam i-*PPF*, iya kubangela ukuba kubekho indawo ekhuthaza ukufunda ukuphucula umgangatho wezakhono yaye kukhuthazwa nokuba iiforam zithathe amanyathelo okuqinisekisa ukuba inani lamalungu amele iinqununu kwiforam liyalingana ngokwesini.
4. IsiHlomelo A sicacisa inkqubo-sikhokelo enika iingcebiso kwizithili nakumalungu amatsha eforam.

ISAYINWE: NGU-AJE MEYER

USEKELA MLAWULI JIKELELE WOPHUHLISO NOQUQUZELELO LWAMAZIKO

UMHLA: 2023-12-06